isiXHOSA HOME LANGUAGE PAPER 1 NOVEMBER 2009

ICANDELO A : UVAVANYO LOKUQONDA

IPHEPHA NGOKUBANZI

Iphepha lilonke liyivelele phantse yonke imigangatho yokuhlola, belilandeleka, nexesha elabelwe lona lanele kuba phantse bonke abafundi bayiphendule yonke imibuzo. Kukho nje imibuzo embalwa efuna ingqwalasela. Iyancomeka into yokuba kungabikho zicatshulwa zibini apho abafundi banokudikwa kukufunda kuba kuseza kufunda nesesithathu soshwankathelo. Utoliko lomfanekiso luyancomeka kakhulu. Phantse bonke abafundi kumbuzo 1 bafumane ngaphezu kwamanqaku angama-20.

UMBUZO 1

Isicatshulwa besikumgangatho wabafundi beBakala 12 kuba besithetha ngezinto ezingalunganga abazenzayo xa bekwiziko lemfundo ephakamileyo umz. ukusokolisa abazali bebaqhatha becela imali besithi yeyeencwadi kanti bakhuphusana nabanye abafundi ngempahla. Siyafundisa kakhulu esi sicatshulwa kuba umfundi kufuneka afunde imeko yakokwabo, angakhuphisani nomnye umfundi.

Imibuzo iyancomeko kuba kukho phantse zonke iindidi zemibuzo, efuna impendulo kwisicatshulwa bade bakhokelwe nakumhlathi abaza kufumana kuwo impendulo. Kumbuzo 1.1.6 no 1.1.7 bebekhetha, kukho nemibuzo evulelekileyo apho kufunwa izimvo zomfundi, eyile: 1.1.12, 1.1.13, 1.1.14, no-1.1.15. Imibuzo evulelekileyo mayincitshiswe nokuba ibe mibini kuba abafundi baba neempendulo ezahlukeneyo kude kube lusuku lokugqibela lokumakisha.

Uviwo lukaZwelonke luqale ngo-2008 kwaye izicatshulwa zathathwa kwimagazini iBona, nakulo nyaka wesibini woviwo lukaZwelonke izicatshulwa zisathathwe kwimagazini iBona. Makukhe kusetyenziswe abanye oovimba abahlukeneyo. Loo nto iza kukhulisa ootitshala kuwo onke amaphondo.

1.2 IMIBUZO ESEKELWE KUMFANEKISO KABRENDA FASSIE

UKUTOLIKWA KOMFANEKISO

Umfanekiso kaBrenda ubucacile, ubonakala kuye wonke umfundi. Kusetyenziswe iimvumi ezithandwayo luninzi lwabafundi beBakala12 umz. iimvumi ezifana noTembi Seete, Mafikizolo, Purity nezinye. Loo nto icace phantse kuyo yonke imibuzo abavavanywe kuyo. Amanqaku ebemabini endaweni yenqaku elinye, kuba umbuzo ubufuna impendulo enye. Inkoliso yabafundi ibethakele kuba ibisithi: *ilwonwabele, uyawuva ngaphakathi, uzimisele* nezinye iimpendulo ebezingekho mxholweni.

IINGCEBISO KOOTITSHALA: Ukulola abafundi ukuze bagqwese kutoliko lwemifanekiso ootitshala mabasebenzise amaphepha-ndaba ahlukeneyo neemagazini, umz., iphepha-ndaba i-*Sunday Times* linecandelo le-*Review*, elingaba yinzuzo kootitshala nabafundi. Kwiphepha-ndaba i*The Times,* ne*City Press* kukho iikhathuni zikaZapiro ezingabanceda kakhulu ukuqeqesha abafundi ukutolika imifanekiso. Baza kukwazi ukuba mabathethe ngabakubonayo kumfanekiso, hayi into abayaziyo ngomfanekiso/ ngomntu/ngesihloko.

ICANDELO B: ISISHWANKATHELO

UMBUZO 2

Isicatshulwa soshwankathelo besithetha ngezinto emazilindelwe kwiNdebe yeHlabathi ka-2010. Izinto ezimbi nezigxekayo ezicingwa ngabanye abemi baseMzantsi Afrika, nezinto ezincomekayo ngo-2010. Iyancomeka into yokuba kuthethwe ngesihloko abafundi abasaziyo, nangona kukho iqaqobana labafundi elikhupha izimvo zalo, ezifana namabala ebhola asele egqityiwe, neqela laBafana Bafana eliboyikisayo kuba bengalithembanga nezinye izinto. Iseluxanduva lootitshala ukuba baqeqeshe abafundi ukushwankathela okukwisicatshulwa, umfundi angakhuphi izimvo zakhe nokuba uyasazi isihloko ekuthethwa ngaso.

Abafundi abaninzi babhale njengokuba beyalelwe, umz: ngezivakalisi. Mabafundiswe ukubhala izivakalisi eziphele leleyo. Loo nto mayenziwe usaqala unyaka ngethuba lokubhala izincoko. Xa bengakwazi ukubhala izivakalisi eziphele leleyo kwiphepha lokuqala, oko kuthetha ukuba abakwazi kubhala izincoko.

Kusekho abafundi abangakwaziyo ukushwankathela, okanye abanqenayo ukucinga abasuka bakhuphele nje izivakalisi ezikwisicatshulwa. Ukusebenzisa amazwi akho kubaluleke kakhulu kuba kubonisa ukuba ukuvile oko kuthethwa. Abafundi mabaqeqeshwe ukushwankathela nokuba ziiteksti ezimfutshane, ukuze ushwankathelo bangaluboni njengento enzima. Isishwankathelo besinemiyalelo emininzi ebhidisayo enjengenani lamagama nobude obufunekayo.

IINGCEBISO NGESISHWANKATHELO:
Ootitshala mababaqeqeshe abafundi bagxinise ezi zinto zilandelayo:

a. Kwisiphumo sokufunda sokuqala apho bafundisa abafundi nge-orali, mababaqhelise ukuthetha. Xa benjenjalo kuza kuba lula ukushwankathela.
b. Iziphumo zokufunda mabazihlanganise xa bezifundisa, umzekelo xa besenza iphepha lesibini kwimibongo, bangashwankathela umhlathi wombongo okanye umbongo wonke. Ushwankathelo malungalindi de bafundise iphepha lokuqala.

ICANDELO C: ULWIMI

UMBUZO 3

Minyaka le abafundi abaqhubi kakuhle kulwimi, ukuze baphumelele iphepha lokuqala bancedwa sisicatshulwa nesishwankathelo. Iseninzi into ekufuneka yenziwe liSebe leMfundo naBacebisi besiXhosa malunga nokufundiswa/ukukhuthaza/ukuxhasa ootitshala ezikolweni unyaka usaqala okanye kwikota yokuqala, bangathi ootitshala sekuphakathi enyakeni kuziwe notshintsho oluninzi ootitshala sele beyigqibile okanye bebuyigqiba isilabhasi.

Umbuzo 3.1.3 Izigaba zentetho abazazi, u-*bafondini* bambalwa abafundi abamchanileyo, uninzi luthe sisibizo, abanye banike iimpendulo ezikude kakhulu, bambi abawuphendula lo mbuzo. Xa befundiswa ukushiywa kweceba bebemele ukuba bayayazi ukuba esi sibizo siphulekene neceba kuba sisibizi. Ukufundiswa kwegrama akuqali kwiBakala 12 makubekho intsebenziswano/ukuthungelana kootishala kuba ukushiywa kweceba kuqalwa kula mabakala asezantsi. Ootitshala bamele ukuba banezinto ezithile ababakhokela ngazo abafundi ukwahlula isigaba sentetho kwesinye. Umzekelo isibizi, asinaceba yaye siphela ngo-ndini, eminye imizekelo: *mfondini*, *mntundini* neminye.

Umbuzo 3.1.5 Lisekhona iqaqobana labafundi elifaka iimpawu zocaphulo kwingxelo-ntetho.

Umbuzo 3.2.1 no-3.2.2 Inkoliso yabafundi inike ingcaciso ngobubomvu bentyatyambo, ayachaza ukuba sesiphi isigaba sentetho.

3.2.3 Bebeqashela kuloo mbuzo bengawuboni umahluko, abanye bebengawazi.

UMBUZO 4

4.1 Xa besenza isilandulo bamele ukuqwalasela izakhi kunye nexesha..

4.2 Iintlobo zezenzi abazazi uninzi luthi luhlobo lokuqondisa. Zikho iincwadi ezingasetyenziswa ezithatha isiqu sesenzi zisiguqu-guqule ukubonisa iintlobo ezahlukeneyo zezenzi..

4.4 Lo mbuzo ubulula kakhulu kuba ubufuna ixesha, xa isenzi siphela ngo-e okanye u-ile sikwixesha elidlulileyo. Loo nto iza kubakhuthaza bangayiboni igrama njengento enzima, bayithande, ukuze iphucuke indlela abaphendula ngayo ukuphela konyaka.

4.5.1 no-4.5.2 Uninzi lwabafundi aluyichananga le mibuzo. Abanye bazi ukusebenzisa isibizo esiyintloko kuphela. Bambi isibizo bayasijika sibe sesinye isigaba sentetho umz, *yinkampani, kwinkampani, nenkampani.* Kwa-ootitshala basokole kakhulu ekukorekisheni lo mbuzo, ingakumbi u-4.6.2 isibizo esiyinjongosenzi. Oku kuthetha ukuba ootitshala bayazitsiba ezinye izinto. Ukwakhiwa kwesivakalisi kufundiswa ukuqala konyaka ukuze bakwazi ukwenza izivakalisi xa bebhala izincoko. Bamele abafundi bazi ukuba ukuze isivakalisi sibe siphelele kufuneka sibe nentloko, isivisa nenjongosenzi.

4.6.1 no-4.6.2 Ootitshala nabafundi bekunzima ukwahlula kwisibizo esiyintloko, ingakumbi kwisibizo esiyinjongosenzi. Abanye abafundi basichanile isibizo esiyintloko, kwanzima kwisibizo esiyinjongosenzi. Bebesebenzisa amagama afana no-*yinkampani, kwinkampani, nenkampani* njl. njl.

4.7 Izihlanganisi abazazi. Likhona iqaqobana labafundi eliwuphendule kakuhle lo mbuzo. Bambi abayazi intsingiselo yesihlanganisi, ukuba kukuhlanganisa izivakalisi ezibini. Kukho abaqale ngaso isihlanganisi. Bambi bazisebenzisa zozibini kodwa kuthiwe mabachonge isihlanganisi. Abanye babhale isihlanganisi esingalunganga, baza abanye abaninzi baphinda kwa-esa sibizo sikwisivakalisi sokuqala sithi u-*Mark.*

UMBUZO 5

ISIBHENGEZO-NTENGISO

Umfanekiso ubucacile nemibuzo ilandeleka, uninzi lwabafundi lufumene amanqaku ama-4 kwama-6.

Abazazi izaci namaqhalo esiXhosa, bayazophula umz, bathi ungavimba unyokokhulu, kanti esona saci ngu-esifa ngamehlo. Abanye bathi okhatywe linxele okanye linxele likaKhetsekile. Ikho incwadi yezaci namaqhalo esiXhosa ekufuneka isetyenziswe. Iza kuphucula ulwimi lwabafundi kunye nokubhala iphepha 3.

UMBUZO 6

Baninzi abafundi abawaqokelele onke la manqaku kulo mbuzo kuba amanqaku ebemane, kodwa amagama ekufuneka elungisiwe emathandathu. Into esiyiqwalaseleyo nangona bewaqokelele onke amanqaku u-lento abakhange bamtshintshe babhale: le nto.

Iseluxanduva lootitshala ukufundisa ukwazi ukubona iziphene. Utitshala usenokwenza itekisi eneziphene enikwa nguye. Angasesebenzisa amaphepha-ndaba esiXhosa asimahla afana ne-Vukani ne-*City Vision* aphuma rhoqo ngooLwezine. Abafundi basike indawo enye efanayo, ukuze utitshala abakhethise iziphene bakugqiba bazilungise, bandule bachaze nezizathu ezibangela ukuba umfundi igama alikhethileyo athi sisiphene.